



**URhulumente
weNtshona Koloni**

ISebe leNkulumbuso

ISEBE LENKULUMBUSO

**ISICWANGCISO SOMSEBENZI
WONYAKA**

2013/2014

To obtain additional copies of this document, please contact:

Department of the Premeir
Office of the Director-General
P O Box 659
CAPE TOWN
8000

Tel: 021 4834992

Fax: 021 4833300

E-mail: benjamin.dixon@westerncape.gov.za

Om nog afskrifte van hierdie dokument te bekom, tree asseblief in verbinding met:

Departement van die Premier
Kantoor van die Direkteur-generaal
Posbus 659
KAAPSTAD
8000

Tel: 021 483 4992

Faks: 021 4833300

E-pos:benjamin.dixon@westerncape.gov.za

Ukuba ufuna iikopi ezongezelelweyo zolu xwebhu, qhagamshelana:

ISebe leNkulumbuso
I-Ofisi yoMlawuli-Jikelele
P O Box 659
EKapa
8000

Umnxeba: 021 4834992

Ifeksi : 021 4833300

I-meyili: benjamin.dixon@westerncape.gov.za

INTSHAYELELO

1. Okuphambili kuthi esikuphumeleleyo

IsiCwangciso soMsebenzi woNyaka ka-2013/14 kusenzelwa iSebe leNkulumbuso sisiphumo seengcebiso ezibanzi, umfanekiso weqhinga lokusebenza nohlaluty, kwaye ubukhulu baso baziswe ngezifundo ezifundwe kwimingeni yokunikezela ngeenkonzelo kwili xa langaphambili. Injongo yeqhinga lokusebenza lePhondo 12 (PSO 12), *“kukwakha oyena karhulumente wengingqi olawulwa ngokuncomekayo ehlabathini”* exhasa ezinye ii-PSO ezilishumi kuRhulumente weNtshona Koloni, kwaye sifuna ukondlala isiseko esiqinileyo sorhulumente ongenankohlakalo noluthwalayo uxanduva lwakhe, ongenamfihlelo, onikezela kubemi bakhe ngeenkonzelo ezihambelanayo neendleko.

Inkqubo yolawulo olunqamlezayo, njengesixhobo sokuphumelela uhlanganiso kwiinkqubo zethu zokunikezela ngeenkonzelo, ihleli ibaluleke kakhulu kwimpumelelo kuba ishumi elinanye lethu leenjongo zeqhinga lokusebenza linqumla kwimisebenzi yesithethe sethu.

Izinto ezinikezelekayo eziqulathwe kwesi siCwangciso soMsebenzi woNyaka zikhethwe ngobunono, ziphengululwe zaze zahlaziywa ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba zihambelana nale njongo, ngeli lixa iqondwa into yokokuba amanyathelo obungcathu azalisekisiwe kwixesha lonyakamali ka-2012/13 ngenxa yokushokoxeka kwemali. La manyathelo alindeleke ukuba ahlale ekhona okwexesha elifutshane, ngeli lixa kusasungulwa imodeli entsha yenkxaso-mali.

Ezinye zezinto ezinikezelekayo eziqulathwe kwisiCwangciso soMsebenzi woNyaka 2013/2014 seSebe leNkulumbuso ziquka oku kulandelayo:

- a) Amanyathelo okwandiswa kobuchule sele ekhona kwiSebe kwaye aza kuphuculwa ngakumbi ziinkqubo ezicolliweyo zolawulo lweengcombolo ezifana neNkqubo yoHlolo loMsebenzi woNyaka (APAS), ubuNtlobo boShishino (BI), uLawulo lweProjekthi yeShishini (EPM), iNkqubo yoLawulo lweMali eHlanganisiweyo (IFMS) kunye noLawulo loMxholo woShishino (ECM).
- b) Ngexesha lonyakamali ka-2013/14 iprojekthi yemfuduko yeMicrosoft iza kufikelela kwisigaba esilandelayo zokuzakisekiswa, nto leyo ezakwandiza ukufunwa kwe-I-Centre for e-Innovation. Ukongeza, ibroadband iza kuqhubeka isetyenziswa kwiinzame zokuhlangabezana neemfuno ezandayo zokuphuculwa kokunikezelwa kweenkonzo.

- c) Kwisithuba soLawulo loMxholo woShishino, kwenziwe imitsi emide kakhulu ebalulekileyo ngokubhekiselele ekwakhiweni kolawulo lweengcombolo olukhuselekileyo kunye nenkqubo yokuyigcina kwaye lo msebenzi usaqhubeka.
- d) Iqhinga lokusebenza lobudlelwane namazwe ehlabathi liyagqityezelwa kwaye zisa kugxininisa kukhenketho, urhwebo kunye nokukhuthazwa kotyalo-mali luza kugxininisa kuyo yonke iAfrika kunye namazwe eBRICKS, ngokunjalo namahlakani ethu esiqhelo orhwebo.
- e) Indima edlalwa liSebe kuzwelonke kukubandakanyeka, phakathi kwezinye izinto, kwiCabinet Lekgotla, kwiForamu yoLungelelwaniso kaMongameli (PCC), iForam yabaPhathi abaphezulu boMzantsi Afrika (iFOSAD), uRhulumente kunye nentlanganisela yabaLawuli (G&A) kunye nesiXhobo soHlolo loMsebenzi wabaPhathi (MPAT) beSebe: Ulwakhelo-mkhanya lwePhondo kunye noHlaziyo (DPME), nto leyo ebaneziphumo zolwakhelo-mkhanya lwamaziko oluphuculiweyo.
- f) Ngenxa yenkqubo yethu yobuchule yolawulo lwezicelo zeengcombolo zoluntu, siqinisekise uthotyelo olupheleleyo lwayo yomibini le mithetho ilandelayo UMthetho wokuKhuthaza uFikelelo kwiiNkcukacha (iPAIA) kunye UMthetho wokuKhuthaza uBulungisa boLawulo (nePAJA).

2.Ukungabinamfihlelo

Sele kwakhiwe isiseko esiqinileyo ngakwindawo yothotyelo olusemthethweni olunomthetho wokukhuthaza ukungabinamfihlelo, olufana nolwePAIA kunye nolwePAJA, kwaye siyaqhubeka ngokuphakamisa imigangatho yokwazisa bonke abasebenzi ngokubhekiselele koku ngokusebenzisa iiseshoni zoqeqesho zarhoqo ezicwangcisiweyo kwiZiko lethu, eKromme Rhee.

3.linzuzo zabemi beli lizwe

Ukuze zifikelele kwimingeni elindelekileyo ngo-2013/14 ngendlela enobuchule nesebenzayo, eli Sebe lahlelwa ngokutsha ukusukela ngomhla woku-1 kweyeDwarha 2012 kulandela ukungenelela uhluzo ngokutsha uyilo lwesebe.

Enye yeendlela ezingundoqo ekugxininiswe kuzo liSebe leNkulumbuso kukuhlangabezana nobuQhetseba neNkohlakalo. Njengenxalenye yesi sicwangcisonkqubo, unyaka-mali ka-2013/14 lakuqhubeka liwongeza amandla eCandelo lokuPhanda ngobuQhetseba ngokusebenzisa nabaphandi

bangaphandle ukuze ekugqibeleni kunikezelwe ngenkonzo eyenziwa ngentsebenziswano namaSebe ngeyeNkanga 2014. IziVumelwano zoMgangatho weeNkonzo kunye namaXesha amiselwe iNkonzo, ziza kulawulwa yiDashbhodi yeZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo (CSC), nto leyo ekhokelela kunikezelo lweenkzo oluphuculiweyo kumasebe.

4. Ubunkokheli obujonge phambili

Ukulawula ngokuncomekayo ehlabathini eburhulumenteni nasebunkokhelini bombutho kufuna ukuba sibe samkela umbono wexesha elide, ukufunda okuqhubekayo kunye nokubonakalisa nento yokokuba sisebenzisa iimpazamo njengamathuba okusinceda siphucule iinkonzo.

Ndinethemba lokuba ekugqibeleni, okubalekayo okuphathekayo nokungaphathekiyo okuqulathiweyo sisiCwangciso soMsebenzi woNyaka, kuza kubakho nesiphumo sokunyuka kwamathuba abemi bonke abahlala kweli phondo ukuze baqaphele amandla kwaye babenobomi obuxabisekileyo. Ndizimisele ukuqinisekisa ukuba iSebe leNkulumbuso lidlala indima yobunkokheli neyolungelelwaniso necetywayo kwesi siCwangciso soMsebenzi woNyaka nasekunxanelweni kwalo ukwakha oyena rhulumente wommandla ulawulwa ngokuncomekayo ehlabathini.

ISebe liza kuqhubeka ngokugxila ekomelezeni ubudlelwane balo beqhinga lokusebenza namazwe ehlabathi, amahlakani engingqi nakazwelonke, ingakumbi kwiindawo elinokwandisa kuzo urhwebo, litsale utyalo-mali lize lifunde izifundo kwezona zenze ziphambili kwabanye oorhulumente bengingqi ukuze lizisebenzise eNtshona Koloni.

Okokugqibela, iSebe leNkulumbuso liza kuqhubeka ngokuqinisa iinkqubo zalo zolawulo ezijolise ekulweni nobuqhetseba kuRhulumente weNtshona Koloni, njengoko kuboniswe yimpumelelo ephezulu kwi-intanethi yoQeqesho loKwazisa ngoChaso-buqhetseba nangoChaso-nkohlakalo okwenziwe ngabasebenzi boRhulumente weNtshona Koloni.

Ndingwenela ukuqinisekisa ukuba ndilithembile iqela labaphathi nabasebenzi beli Sebe abaxabisekileyo ekubeni basincedise ekufikeleleni kwinjongo yethu.

Helen Zille

INkulumbuso yeNtshona Koloni

IQoqo elinguGunyaziwe leSebe leNkulumbuso

INGQONDISISO ESEMTHETHWENI

Ngoko ke kuyaqinisekiswa ukuba esi siCwangciso soMsebenzi woNyaka:

- Saqulunqwa ngabalawuli beSebe leNkulumbuso phantsi kwesikhokelo seNkulumbuso uHelen Zille
- Silungiswe ngokuhambelanayo nesangoku iqhinga lokusebenza leSebe leNkulumbuso
- Ngokuchanekileyo sibonisa umsebenzi ejoliswe nelizamayo ekuwuqabeliseni iSebe leNkulumbuso xa linikwe izibonelelo zokusebenza nezifumanekayo kuhlahlo lwabiwo-mali luka-2013/2014.

UMnu Almo Geldenhuys

UTyikityo: _____

Umlawuli weqhinga lokusebenza leSebe

UMnu Drikus Basson

UTyikityo: _____

IGosa lezeMali eliyiNtloko

IGqwetha leNkundla ePhakamiyo uBrent Gerber

UTyikityo:

IGosa lesiCwangciso-mali

Kuvunyelwe ngu-:

Helen Zille

UTyikityo: _____

INkulumbuso (iQoqo elinguGunyaziwe)

IZIQULATHO

1. Umbono noBizo	1
2. Imigqaliselo	2
3. Uhlaziyo lwamagunya owiso-mthetho nolwamanye amagunya	3
3.1 Amagunya akumgaqo-siseko	6
3.2 Amagunya owiso-mthetho	6
3.3 Amagunya omgaqo-nkqubo	6
3.4 Izigqibo zenkundla yamatyala eziphathelene noku	6
3.5 Amanyathelo omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo	6
4. Uhlaziyo lohlahutyo lwemeko	7
4.1 Indawo esingqongileyo yokusebenza	8
4.2 Okusingqongileyo kwesebe	18
4.3 Inkcazelo yenkqubo yokucwangcisa iqhinga lokusebenza	221
5. Iinjongo zeqhinga lokusebenza eligxile kwiziphumo zeziko	23
Isishwankathelo sohlahlo-mali lonyaka ka-2013/14 kunye noqikelelo lweSakhelo seNkcitho yeXesha eliPhakathi (MTEF)	25
Uqikelelo lwenkcitho yeSebe leNkulumbuso	25
ISIGABA B: IINJONGO ZEQHINGA LOKUSEBENZA	26
6. Iinjongo zeqhinga lokusebenza neenjongo zeSebe leNkulumbuso	26
7. Inkqubo 1: Inkxaso yeSigqeba (uLawulo)	29
7.1 Iinjongo zeqhinga lokusebenza	29
7.2 Iinjongo zeqhinga lokusebenza kunye nokujoliswe kuko ngo-2013/14	31
7.3. Ulawulo lomngcipheko	34
7.4. Izalathisi zomsebenzi wenkqubo kunye nokujoliswe ngonyaka ka-2013/14	35
7.5. Ezomsebenzi ekujoliswe kuzo zingqamaniswa nohlahlo-mali ne-MTEF	39
7.6. Inkqubo yomsebenzi nentsingiselo yenkcitho	40

8. INkqubo 2: Abaphathi beqhinga lokusebenza bePhondo	41
8.1 Injongo zeqhinga lokusebenza	41
8.2 Injongo zeqhinga lokusebenza kunye nokujoliswe kuko ngo-2013/14	45
8.3. Ulawulo lomngcipheko	49
8.4. Izalathisi zomsebenzi kunye nokujoliswe kuko ngo-2013/14	49
8.5. Ezomsebenzi ekujoliswe kuzo zingqamaniswa nohlahlo-mali ne-MTEF	55
8.6. Inkqubo yomsebenzi nentsingiselo yenkcitho	56
9. INkqubo 3: Uphuhliso lweZakhono zaBasebenzi (IZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo)	57
9.1 Injongo zeqhinga lokusebenza	57
9.2 Injongo zeqhinga lokusebenza kunye nokujoliswe kuko ngo-2013/14	60
9.3 Ulawulo lomngcipheko	62
9.4. Izalathisi zomsebenzi kunye nokujoliswe kuko ngonyaka	63
9.5 Ezomsebenzi ekujoliswe kuzo zingqamaniswa nohlahlo-mali ne-MTEF	70
9.6. Inkqubo yomsebenzi nentsingiselo yenkcitho	71
10. INkqubo 4: I-Centre for e-Innovation (IZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo)	72
10.1 Injongo yeqhinga lokusebenza	73
10.2 Injongo zeqhinga lokusebenza kunye nokujoliswe kuko ka-2013/14	74
10.3 Ulawulo lomngcipheko	75
10.4 Izalathisi zomsebenzi kunye nokujoliswe kuko ngonyaka ka-2013/14	77
10.5 Ezomsebenzi ekujoliswe kuzo zingqamaniswa nohlahlo-mali ne-MTEF	83
10.6 Inkqubo yomsebenzi nentsingiselo yenkcitho	84
11. INkqubo 5: INgqinisekiso kaRhulumente (IZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo)	85
11.1 Injongo zeqhinga lokusebenza	85
11.2 Injongo zeqhinga lokusebenza kunye nokujoliswe kuko ka-2013/14	88
11.3 Ulawulo lomngcipheko	92
11.4 Izalathisi zomsebenzi kunye nokujoliswe kuko ngonyaka ka-2013/14	93

11.5 Ezomsebenzi ekujoliswe kuzo zingqamaniswa nohlahlo-mali ne-MTEF	103
11.5 Inqubo yomsebenzi nentsingiselo yenkcitho	104

ISIGABA C: OKUFUNEKAYO KUHLANGENE NEZINYE IZICWANGCISO 105

- 12. Okufunekayo kuhlange ne-infrastrakhtsha yeminyaka emininzi nezinye izicwangciso zezakhono zabasebenzi 105
- 13. Iigranti ezikhutshelwa iimeko ezithile 105
- 14. Amaqumrhu karhulumente 105
- 15. Intsebenziswano namacandelo abucala/karhumente 105
- 16. Isihlomelo E (linkcazelo zesalathisi sobuchule) 105

ISIHLOMELO A: UBUME BEQUMRHU LESEBE LENKULUMBUSO 106

ISIHLOMELO B: UHLAZIYO LWESICWANGCISO-QHINGA SONYAKA KA-2010/11-2014/15 SEBE LENKULUMBUSO 107

Izifinyezo

APAS	Nkqubo yoHlolo lokuSebenza loNyaka
APP	IsiCwangciso soMsebenzi woNyaka
BI	UbuNtlola boShishino
BRICS	IBrazili, iRashiya, i-Indiya, iTshayina noMzantsi Afrika
Ce-I	I-Centre for e-Innovation
CFO	IGosa lezeMali eliyiNtloko
CGRO	UHlaziyo neNkangelelo yangaphandle loLawulo oluManyanisiweyo
CSC	Iziko leeNkonzo eziManyanisiweyo
DPME	ISebe lokuHlola nokuHlaziya ukusebenza
DPSA	ISebe leeNkonzo zikaRhulumente noLawulo
ECM	ULawulo loMxholo woShishino
EE	Ubulungisa bezeNgqesho
EPM	ULawulo lweProjekthi yamaShishini kaRhulumente
ERM	ULawulo loMngcipheko woShishino
FIU	ICandelo loPhando leForensikhi
FOSAD	IForam yabaLawuli abaziNtloko Jikelele boMzantsi
G&A	ULawulo
GIS	INkqubo yeeNkcukacha zezeJiyografi
GMT	Izithuthi zikaRhulumente
HCM	ULawulo lwezaBasebenzi
HR	Izibonelelo zaBasebenzi
HRD	Uphuhliso lweZibonelelo zaBasebenzi
ICT	Ubuxhakaxhaka boNxibelelwano lweeNkcukacha
IFMS	INkqubo yoLawulo lweMali eHlanganisiweyo
IT	Ubuxhakaxhaka beeNkcukacha
MISS	IMigangatho yoKhuselo lweNgcombolo ezincinci
MPAT	Isixhobo sokuHlola ukuSebenza koLawulo
MTEC	IKomiti yezoQoqosho lweXesha eliPhakathi
MTEF	ISikhokelo seNkcitho seXesha eliPhakathi
OHS	IMpilo noKhuselo eMsebenzini
PAIA	UMthetho wokuKhuthaza uFikelelo kwiiNkcukacha


PAJA	UMthetho wokuKhuthaza uBulungisa boLawulo
PCC	IKomiti yoLungelelwaniso kaMongameli
PIP	IsiCwangciso soZalisekiso lweProjekthi
PSO	INjongo yeQhinga lokusebenza yePhondo
PTI	IZiko loQeqesho lePhondo
PWMES	Inkqubo yoLwakhelo mkhanya noHlolo kwiPhondo liphela
RBM&E	Uhlolo noHlaziyo olusekelwe kwiZiphumo
SCM	ULawulo lweeNtengo
SDIP	IsiCwangciso zoPhuculo loNikezelo lweeNkonzo
SITA	I-Arhente yoBuxhakaxhaka beeNkcukacha zoMbuso
SLA	Isivumelwano soMgangatho weeNkonzo
SMART	KuNgqalile, kuyaLinganiseka, kuyaPhumeleleka, koKwenene kwaye khambe ngeXesha
UNDP	INkqubo yoPhuhliso lweZizwe eziManyeneyo
WCED	ISebe leMfundo leNtshona Koloni
WCG	URhulumente weNtshona Koloni

Isigaba A: Isishwankathelo seqhinga lokusebenza

1. Umbono noBizo

ISebe leNkulumbuso liznikezele kumbono nakulo ubizo lukaRhulumente weNtshona Koloni kwaye, njengegunya lalo eliphambili, liyaluqaphela ubizo nembono yephondo njengoko kuboniswe kule dayagram ingezantsi.

UMBONO KUNYE NOBIZO LUKARHULUMENTE WENTSHONA KOLONI



Umbono uchaza inkamva elikhuthazayo elibonelwa uRhulumente weNtshona Koloni kunye nePhondo leNtshona Koloni.

- Umbono wangaphakathi kwiSebe kukuba ngoyena rhulumente wengingqi olawulwa ngokuncomekayo ehlabathini.
- Umbono wangaphandle kwiSebe kukudala uluntu olunamathuba avulekileyo kumntu wonke ukuze abantu baphile ubomi obuxabisekileyo.

Ubizo luchaza indlela ekuzakwenziwa ngayo umbono uphumelele. Luchaza okwenziwa nguRhulumente weNtshona Koloni ukuze kuphunyelelwe umbono:

- Ubizo lwangaphakathi kwiSebe kukuphumelela iziphumo ezigqwesileyo nabantu abakulungele ukukwenza oko, iajenda yomgaqo-nkqubo efanelekileyo, intsebenziswano kunye neziCwangciso-qhinga ezihambelanisiweyo.

- Ubizo lwangaphandle kukukhusela nokukhuthaza amalungelo akumgaqo-siseko kunye nokwandisa amathuba.

2. Imigqaliselo

Siyazibophelela kwicala lokunikezela ngeenkono ngokwale migqaliselo ilandelayo:

Ukusebenza ngobuchule (Ukuba nesakhono sokwenza umsebenzi nokuzimisela ekwenzeni umsebenzi esiwuqeshelweyo)

- Siyakwazi ukwenza umsebenzi esiwuqeshelweyo, kwaye sisoloko sizama ukugqwesa.
- Siyabaphuhlisa kwaye sibakhulise abantu bethu, siyabavumela kwaye sibaxhobise ngokuthi bakwazi ukusebenza kuxhaswa indlela yabo yokunikezela ngeenkono.
- Siyabaxhobisa abasebenzi ukuze banikezele ngeenkono egqwesileyo ebantwini baseNtshona Koloni.
- Sibonisa ulwazi nengqiqo ekwenzeni umsebenzi wethu ngokubhekiselele kugunyaziso lomgaqo-siseko, lowiso-mthetho nolokukhetha kwaye sisebenza kunye ukuze sikuphumelele oku.

Ukuthwala uxanduva (Sithwele uxanduva lokunikezela iinkono zophuhliso)

- Sinengqiqo ecacileyo yembono yethu, ubizo, iinjongo zeqhinga lokusebenza, iindima zethu, ugunyaziso nokuluthwala uxanduva.
- Sonke siyanikezela ngezethu iziphumo nangoko bekujoliswe kuko ngokomgangatho, ngokohlahlo-mali nangexesha elimiselweyo.
- Ingulowo uluthathela kuye uxanduva njengaBasebenzi bakaRhulumente kwaye siyazazi ukuba sithembene kwicala lokunikezela ngeenkono.
- Ingulowo ujongene noxanduva lomsebenzi wakhe, ngezenzo nangezizigqibo azithathileyo.

Intembeko (Kukunyaniseka nokwenza okulungileyo)

- Sidala okusingqongileyo okunimikhwa esesikweni ngokunyaniseka, ngokubonisa imbeko nokuzalisekisa imigqaliselo elungileyo nencomekayo.
- Sizingela inyaniso size sense izinto ezilungileyo ngendlela elungileyo kwimeko nganye.
- Kungathenjela kuthi yaye sithembekile, kwaye asiguququki kwicala lokuziphatha, ngokuthetha nangezenzo zethu.
- Sisebenza ngentembeko kumanqanaba onke, kwiimeko zonke, asiyinyamezeli inkohlakalo.

Ukusabela ngexesha elililo (Kukujongana nezidingo zabemi nezabasebenzi bethu)

- Sigxile kubo abemi, sakha ubudlelwane obusivumelayo ukuba sizilindele ezabo izidingo esizihlangabezayo ngenx' engaphambili.
- Sibathathela ingqalelo abemi nomntu ngamnye phakathi kwethu, siyafikeleleka, siyabamamela kwaye nentetho yabo siyayiva.
- Siyabaphendula ngokusebenza ngexesha elifanelekileyo esivumelene ngalo.
- Siyasebenzisana thina, ngokunjalo nabo abachaphazelekayo, sibaxhobise ngeenkukacha ezifanelekileyo nezithembekileyo, sabelana nabo kwiimfuno zonke.

Ukukhathalela (Ukukhathalela abo sibasebenzelayo nabo sisebenza nabo)

- Sibaxabisile bonke abasebenzi nabemi kwaye sibanika isidima sabo nentlonipho.
- Siyabamamela ngomdla, sibonise imfesane kubasebenzi nakubo abemi.
- Siyabonelela ngenkxaso, kwaye sibonise umdla kumntu ngamnye kuthi. njengabasebenzi nabemi, siyibonelele intlalontle yomntu ngamnye kuthi.
- Sinombulelo kwaye sibathathela ingqalelo abasebenzi kunye nabemi.

3. Uhlaziyo lwamagunya owiso-mthetho nolwamanye amagunya

Akukho zinguqu zibonakalayo kumagunya owiso-mthetho eli Sebe.

- Constitution of the Republic of South Africa, 1996
- Constitution of the Western Cape, 1997
- Promotion of Access to Information Act (Act 2 of 2000)
- Promotion of Administrative Justice Act (Act 3 of 2000)
- Intergovernmental Relations Framework Act (Act 13 of 2005)
- Public Finance Management Act (Act 1 of 1999)
- Preferential Procurement Policy Framework Act (Act 5 of 2000)
- Broad-Based Black Economic Empowerment Act (Act 53 of 2003)
- Division of Revenue Act (annually)
- Public Service Act, Proclamation 103 of 1994
- Pensions Fund Act (Act 24 of 1956)
- Income Tax Act (Act 58 of 1962)
- Occupational Health and Safety Act (Act 85 of 1993)
- Compensation for Occupational Injuries and Diseases Act (Act 130 of 1993)
- Labour Relations Act (Act 66 of 1995)
- Promotion of Equality and Prevention of Unfair Discrimination Act (Act 4 of 2000)

- Government Employees Pension Law, Proclamation 21 of 1996
- Basic Conditions of Employment Act (Act 75 of 1997)
- Employment Equity Act (Act 55 of 1998)
- Skills Development Act (Act 97 of 1998)
- Skills Development Levies Act (Act 9 of 1999)
- National Archives and Record Service of South Africa Act (Act 43 of 1996)
- Prescription Act (Act 68 of 1969)
- Protected Disclosures Act (Act 26 of 2000)
- Prevention and Combating of Corrupt Activities Act (Act 12 of 2004)
- Financial Intelligence Centre Act (Act 38 of 2001)
- Electronic Communications Security (Pty) Ltd Act (Act 68 of 2002)
- Electronic Communications and Transactions Act (Act 25 of 2002)
- Public Audit Act (Act 25 of 2004)
- State Information Technology Agency Act (Act 88 of 1998)
- Provincial Archives and Records Service of the Western Cape Act (Act 3 of 2005)
- Western Cape Provincial Public Protector Law (Law 6 of 1994)
- Western Cape Delegation of Powers Law (Law 7 of 1994)
- Western Cape Coat of Arms Act (Act 7 of 1998)
- Western Cape Provincial Commissions Act (Act 10 of 1998)
- Western Cape Provincial Honours Act (Act 9 of 1999)
- Provincial Restaurant Ordinance 23 of 1964
- Consumer Protection Act (Act 68 of 2008)
- Public Service Regulations 2001 (as amended)
- South African Qualifications Authority Act (Act 58 of 1995);
- National Qualifications Framework Act (Act 67 of 2008) (amended by Higher Education Laws Amendment Act (Act 26 of 2010))

Ukongeza apho, isebe, njengequmrhu nasekudlaleni eyalo indima kurhulumente wephondo, likhokelwa ngumgaqo-nkqubo wamagunya omgaqo-nkqubo, ingakumbi la alandelayo:

- Isakhelo seqhinga lokusebenza leXesha eliPhakathi – 2010-2014
- IKhomishoni yesiCwangciso kuZwelonke – iPhepha leNgcaciso, ngeyeDwarha 2009
- Isakhelo sikaZwelonke soKwakh' umkhanya noHlaziyo – iPhepha leNgcaciso, ngeyeDwarha 2009
- IsiCwangciso sokuSebenza sikaZwelonke ngo-2010–2014
- Isakhelo seqhinga lokusebenza sikaZwelonke seSebe labaBhinqileyo, abaNtwana kunye nabaNtu abakHubazekileyo.
- Izakhelo zoMgaqo-nkqubo oKhethekileyo kaZwelonke weSini nokuXhotyiswa kwabantu ababhinqileyo, abakHubazekileyo kunye nabaNtwana
- IPhepha leNgcaciso kwiNguqu yeeNkonzo zikaRhulumente (1995)
- IPhepha leNgcaciso kuQeqesho olungeeNkonzo zikaRhulumente neMfundo (1997)
- IPhepha leNgcaciso kuMgaqo-nkqubo weNgcaciso oMntsha weNkonzo zikaRhulumente (1997)
- IPhepha leNgcaciso kuLawulo lweziBonelelo zaBasebenzi kwiiNkonzo zikaRhulumente
- IPhepha leNgcaciso kuGuqulo loNikezelo lweeNkonzo zikaRhulumente [Batho Pele] (1997)
- Iqhinga lokusebenza loPhuhliso lweZakhono kuZwelonke (I, II kunye no-III)
- UMgaqo-nkqubo woLutsha kuZwelonke (2009-2014) weArhente yoPhuhliso loLutsha kuZwelonke
- Izakhelo zoMgaqo-nkqubo seSebe likaZwelonke leeNkonzo zikaRhulumente noLawulo lokuLingana kwiSini, abakHubazekileyo kunye noLutsha kwiiNkonzo zikaRhulumente
- IziPhumo eziLinganisekayo zikaZwelonke
- IsiCwangciso soPhuhliso kuZwelonke 2012

3.1 Amagunya akumgaqo-siseko

ISebe lisebenza ngokuhambisana nogunyaziso oluchaziwe kuMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996, nakuMgaqo-siseko weNtshona Koloni, 1997, okanye njengoko ubekiwe ngumthetho kazwelonke.

3.2 Amagunya owiso-mthetho

ISebe liyawuthobela umgaqo-siseko kunye namagunya owiso-mthetho. Uncedo lomsebenzi olongezelelekileyo luye lwenziwa kwiSebe ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwawo onke amaxanduva asemthethweni anxulumene nemiyalelo yeSebe.

3.3 Amagunya omgaqo-nkqubo

Iqhinga lokusebenza lePhondo, ingakumbi injongo yeqhinga lokusebenza 12, ngumyalelo womgaqo-nkqubo woRhulumente weNtshona Koloni. Okunye okufunekayo komgaqo-nkqubo sisiCwangciso soPhuhliso kuZwelonke, esamkelwa yiKhabinethi kaZwelonke ngeyeThupha 2012. Injongo yeqhinga lokusebenza lePhondo 12 ibonisa iziphumo ezinkulu kakhulu ngoluvo lokuba kwimeko yokukwazi ukwenza into nokuphuhlisa njengoko kuthiwe theca kwisicwangciso soPhuhliso kuZwelonke.

3.4 Izigqibo zenkundla yamatyala eziphathelene noku

Zonke izigwebo ezinxulumene nemisebenzi yeSebe njengoko inikezelwa yiNkundla yomGaqo-siseko, yiNkundla ePhezulu yeziBheno, yiNundla ePhakamileyo neNkundla yezaBasebenzi ziqwalaselwe zaze zazalisekiswa apho kufaneleke khona. Akukabikho zimeko zakutsha nje ezichaphazela imisebenzi yokuqhuba imisebenzi yesebe xa kujongwe kwikamva lalo.

3.5 Amanyathelo omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo

Amanyathelo omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo aza kuqwalasela kwizinto ezinokunikezelwa eziza kuqinisekisa ukuba kuyaqhubeka ukuzalisekiswa kwenjongo yeqhinga lokusebenza 12 lePhondo. Okuzakuqalwa ngako ukunikezelwa ngo-2013/14 kuquka:

- Intlanganisela yentsebenziswano ebanzi neSixeko saseKapa kwaye neArhente yeThekhnoloji yoLwazi basebuRhulumenteni (SITA) iza kufumana ingqwalasela eqhubekayo. Ngaphaya kweziza ezingama-60 zoRhulumente weNtshona Koloni (WCG) zeNtsebenziswano ebanzi ziza kufakelwa kwithekhnoloji yoqhagamshelwano ekupheleni konyaka-mali ka-2013/14
- Ukusetyenziswa kweenkqubo zoLawulo loKwandiswa kwaBasebenzi kunye neemveliso kwi-Intanethi. Iprojekthi iza kufuna izigidi ezili-R12m

kunyaka-mali ka-2013/14. Imemorandam yeziVumelwano ebhaliweyo kunye neSebe leeNkonzo zikaRhulumente noLawulo (DPSA) iza kufakelwa ukuba mayincede ekuqhubeni imisebenzi kwiNtshona Koloni yeeModyuli zeHR ngaphakathi kwiNkqubo yoLawulo lwezeMali eHlanganisiweyo

- IsiHlaziyi seThekhnoloji yoMsebenzisi, yiprojekthi eza kufuna izigidi ezili-R13m kunyaka-mali ka-2013/14, ngeli lixa uPhicotho oluzenzekelayo lweziXhobo zikarhulumente ze-IT lusenzelwa ukubona izixhobo zomsebenzisi ezifuna ukutshintshwa
- Ukuphuculwa kwe-infrastrakhtsha yeNetwekhi, iprojekthi eza kufuna malunga nezigidi ezingama-R26m kunyaka-mali ka-2013/14, ngeli lixa i-infrastrakhtsha yenethwekhi iqhubeka iphuculwa kokusilela kolungiso emva kophicotho lwe-infrastrakhtsha yenethwekhi kwaye kuqalwe ngezo ndawo zifuna ukutshintshwa ngokukhawuleza
- Imigangatho yokukhula ephunyelelweyo yoLawulo lweProjekthi yeNkqubo, Ulwakhelo-mkhanya oluSekelwe kwiZiphumo noHlaziyo kunye noLwazi lweNdawo njengoko izalisekisiwe liSebe loRhulumente weNtshona Koloni (WCG). Le projekthi iza kufuna malunga nezigidi ezi-R2m ngonyaka-mali ka-2013/14
- Uphuhliso oluhlanganisiweyo olwenziwe ngokuzenzekelayo ngowezigaba lwenkqubo yoHlaziyo nokwaKhel' umkhanya lwePhondo ngokubanzi (PWMES). Le projekthi iza kufuna izigidi ezili-R12,5m kunyaka-mali ka-2013/14, kuquka neSigaba 2 sesiSombululo sobuNtlola boShishino kunye nokugqitywa kweNkqubo yoLawulo lweProjekthi yeShishini
- Ekuqhubekeni ngophuhliso nozalisekiso lwemodeli yenkxaso-mali nequmrhu elitsha kuqeqesho lwephondo olunqamlezayo
- Ukusebenza kweqhinga lokusebenza leZiganeko eziHlanganisiweyo esamkelwe yiKhabhinethi ngo-2011
- Uqoqosho olwakhiwa kokusingqongileyo okucocekileyo, olusekelwe kwindlela yokusebenzisana kuye wonke urhulumente ngokunjalo namacandelo abucala ukulungisa uphuhliso olungaguquguqukiyo, kugxininiswe ngamandla ekwakhiweni kwemisebenzi kwaye kuncitshiswe ukuqhubeka nokungcoliswa kokusingqongileyo
- Ukuxhobisa iCandelo loThotyelo oluseMthethweni ukuphucula uthotyelo lomthetho kunye neemfuno zokwenza izigqibo ezivakalayo ezisemthethweni.

4. Ukuhlaziywa kohlalutyo lwemeko

Ngexesha leseshoni yeqhinga lokusebenza ebelibanjwe ngeyeThupha ngo-2012 abalawuli besigqeba seSebe bathathe inxaxheba kwingxoxo ebingokusingqongileyo kokunikezela kweqhinga lokusebenza leSebe. Abasebenzi beSebe babonwa njengabantu abanika iSebe amandla aqhambili. Nangona kunjalo, iye yaqatshelwa into yokokuba kumele kugxininiswe ngamandla kuhlalutyo olunzulu lokuxhotyiswa kwabasebenzi

nakucwangciso lwezibonelelo zabasebenzi oluneqhinga lokusebenza. Kubonwe kukho isidingo sokuchaza ngcono umfanekiso weSebe ukunika imbonakalo kwisangotshe salo esithi “Ubambiswano Ngamandla”. Iinkokheli esiphezulu zimele ziwubonise ngokucacileyo umfanekiso wesebe ngokumanya, babakhuthaze abasebenzi ukuze kuphunyelelwe inkcubeko ehlanganeyo yokugqwesa kwimisebenzi abayenzayo.

Ngexesha lonyaka ka-2012/13 ukukhula kwamalungu amasebe oRhulumente weNtshona Koloni kube nempembelelo ebonakalayo kuhlalo-mali lweli sebe olubenesiphumo sokuqhubekela kwixesha le-MTEF. Isiseko somsebenzisi we-ICT, umzekelo, sande ukusukela kwi-14 500 ukuya kwi-16 500 leendawo eziphambili ekunikezelwe kuzo iinkonzo ziye zaqhagamshelwa kuthungelwano, nto leyo ebenempembelelo kumgangatho nekwixabiso lenkxaso yeenkonzo ezinikezelweyo leli sebe. Oku kubangele eli Sebe, ngeNtsebenziswano neSebe lezeMali lePhondo, ukuba liqalise ngophuhliso lweyona modeli efanelekileyo yenkxaso-mali njenge-arhente yenkxaso enqamlezayo.

Kwakhona iye yacaca into yokokuba izithinteli zezibonelelo ezinefuthe elibi kwiSebe aziziso isoyikiso nje kuphela – kodwa zingabonwa njengethuba lokuba makuqalwe ngazo kwaye zidweliswe, kusetyenziswa izakhono ezinqamlezileyo zize zithengiswe ukuze siphumelel iinjongo zethu kwixesha elide, ngeli lixa silihoyile ixesha elifutshane.

4.1 Indawo esingqongileyo yokusebenzela

Inkxaso yeSigqeba

Kukonke ukukhula/amandla ezemali yeSebe kuhlolwe kwabonwa kukumgangatho wesi-2.83. ISebe lisungule isicwangciso sokusebenza esaziwa ngokuba luHlaziyo loLawulo lweNtsebenziswano kunye neNkangeleko (Hlaziyo neNkangelelo yangaphandle loLawulo oluManyanisiweyo (CGRO)), esijolise ekuphuculeni ukukhula/amandla ezemali yalo kube kumgangatho wesi-3+. I-CGRO sisicwangciso sokuphucula esiquka iintlobontlobo zamacandelo, umz. Iinjongo esele zifunyanisiwe kunye nolawulo lwekhonkco lonikezelo, kwaye linyathelo lokuqala elikhokelela kwimeko yolawulo olunqwenelekayo.

Umgaqo-nkqubo kunye neqhinga lokusebenza

ISigqeba sithathe elona thuba lokudlala indima ebalulekileyo ekuphuhliseni UMgaqo-nkqubo neQhinga lokusebenza lokusebenza, ebelisencotsheni kwiQhinga lokusebenza kunye neenjongo zeSebe. INkqubo yoLawulo oluNqamlezayo yePhondo, iyingqawelo yokunikezela ngeenkonzo kwezi njongo ngeyona ndlela ehlanganeyo, sele izalisekiswa ngokupheleleyo kuRhulumente weNtshona Koloni.

Kubekho imfuno emandla kakhulu eyenziwe ngamanye amasebe emalunga neenkonzwenkxaso yophuhliso lweqhinga lokusebenza. Ngaphezulu koko, uMgaqo-nkqubo kunye neQhinga lokusebenza uyafuneka ukuqinisekisa ukuqhubeka kokuhambelana kwemigaqo-nkqubo namaqhinga okusebenza kunye nesiCwangciso-qhinga sePhondo. Ngokubhekiselele kwiNqubo yoLawulo oluNqamlezayo yePhondo, inkcazelo yenkqubo yeqela lokusebenza kunye nozalisekiso nayo ifuna inkxaso eyandisiweyo kubaphathi abazintloko. Ngoku kukho amaqela okusebenza angama-40, iinkqubo ezifanelekileyo ezingama-40 kuye wonke uRhulumente weNtshona Koloni (WCG) ezifuna ukuzalisekiswa ukuze kuphuyelelwe isiCwangciso-qhinga sePhondo kunye nenjongo yeqhinga lokusebenza. Ukuhlolwa kwempembelelo yeenkqubo ezingundoqo nako kuyafuneka kakhulu ngeyona ndlela.

linkcukacha zolawulo zeqhinga lokusebenza

ISebe lomeleze imisebenzi yalo yokuhlola nokwakhel' umkhanya ngokuhambelana neSakhelo soMgaqo-nkqubo kaMongameli kwindima yeOfisi yeNkulumbuso kuHlolo nolwaKhel' umkhanya, nanjengoko inxulumene nezona ndawo zingundoqo ekujoliswe kuzo. Ezi ndawo zingundoqo zenziwa liSebe lokuHlola nokwaKhel' umkhanya ukuSebenza (DPME) kwiofisi kaMongameli. AbaLawuli abaziNtloko: linkcukacha zolawulo lweqhinga lokusebenza luye lwakhokela kweli ziko kumgangatho wephondo kwaye luphambili ekusabeleni kwezi ndawo kujoliswe kuzo zinxulumene necandelo likarhulumente elihlangene nolwakhel' umkhanya, imposiso yecandelo likarhulumente, uhlobo lweziphumo, ngokunjalo nedata neenkqubo zokuhlola nokwakhel' umkhanya.

Ngexesha lonyaka ka-2012/13 kuye kwahlangabezwana nemfuno emandla yokuhlola nokwakhel' umkhanya kwiphondo liphela, kuthathelwe ingqalelo isakhelo solwakhel' umkhanya kwicandelo likarhulumente kunye nokuqaliswa kweNkqubo yoLwakhelomkhanya kuZwelonke kumgangatho wephondo. Ngeli lixa imisebenzi ye-DPME ibaluke kakhulu, olona phawu luphambili lokuhlola nokwakhel' umkhanya okwenziwa nguRhulumente wePhondo leNtshona Koloni (WCG) lusekelwe kwiziphumo zendlela yokuhlola nokwakhel' umkhanya nethi ivelise ulwazi lolawulo lweqhinga lokusebenza. URhulumente wePhondo leNtshona Koloni (WCG) ufuna ugcino-lwazi ukwenzela iziphawuli zezishwankathelo zeziphumo ukulinganisela iziphumo injongo yeqhinga lokusebenza yePhondo (PSOs). Luyafuneka ulwazi olungeeprojekthi neziphumo nokuba, ukuba kufanelekile, zinegalelo elinjani na iziphumo eziveliswa lisebe ngalinye kwiPhondo kwinjongo yeqhinga lokusebenza ngokuzalisekisa iinkqubo neeprojekthi zawo. Ekuncediseni ngeli khonkco eliphakathi kweeprojekthi neziphumo kunye noko kujoliswe kuko ziziphumo zePSO, iinkcukacha ezingolawulo lweqhinga lokusebenza

luzalisekise itempleyiti yoCwangciso loZalisekiso lweProjekthi (PIP) ukuze zincele le nkqubo kwiPSO nganye.

AbaLawuli abaziNtloko: linkcukacha zolawulo lweqhinga lokusebenza lukwancedisa kwiimfuno zokukhuliswa koRhulumente weNtshona Koloni (WCG) ngokunxulumene kulawulo lwenkqubo neprojekthi ngokuzalisekisa isisombululo senkqubo entsha nolawulo lweprojekthi endaweni yenkqubo ekhoyo ngoku yeDashboard yeProjekthi yeSigqeba (EPD) benkqubo yoLawulo lweProjekthi yamaShishini kaRhulumente (EPM).

Ulwazi oluingesithuba somhlaba luyafuneka ukwenzela umgaqo-nkqubo owazisayo wohlalutyo olucaneke ngakumbi.

AbaLawuli abaziNtloko: linkcukacha zolawulo lweqhinga lokusebenza lukwancedisa kwiimfuno zokukhuliswa koRhulumente weNtshona Koloni (WCG) ngokunxulumene kulawulo lwenkqubo neprojekthi ngokuzalisekisa isisombululo senkqubo entsha nolawulo lweprojekthi endaweni yenkqubo ekhoyo ngoku yeDashboard yeProjekthi yeSigqeba (EPD) benkqubo yoLawulo lweProjekthi yamaShishini kaRhulumente (EPM).

Usetyenziso lweqhinga lokusebenza lwemithetho-siseko yolawulo lwenkqubo neprojekthi kunye nokusetyenziswa kweemveliso zolwazi lwesithuba somhlaba kuye kwazinziwa kumxholo weNkqubo yoLawulo oluNqamlezayo yePhondo. Kukho esinye isidingo sokomeleza izibonelelo zenkqubo yolwazi lwejiyografi (GIS).

Ukufikeleleka lula kugcino-lwazi olufanelekileyo noluchanekileyo okanye kulwazi ngokusebenzisa inkqubo ehlanganisiweyo yoLwakhelo mkhanya noHlolo kwiPhondo liphela (PWMES) kusahleli kusesona sidingo ekudalweni kolwazi lolawulo lweqhinga lokusebenza. Ngokusebenzisana ne-Centre for e-Innovation, uphuhliso lwenkqubo yoLwakhelo mkhanya noHlolo kwiPhondo liphela ehlanganisiweyo nezisebenzelayo kusahleli kungowona mba uphambili ekuphuculeni ulawulo ulwazi lwangaphambili kuwo onke amasebe. Inkqubo ezifana neNkqubo yoHlolo lokuSebenza loNyaka kunye neziSombululo zobuNtloko boShishino noLawulo lweProjekthi yamaShishini kaRhulumente ziza kuba yinxalenye yePWMES.

IInkqubo zeQhinga lokusebenza

Kuza kujoliswa ngamandla ekuzibandakanyeni ekuthatheni amanyathelo okuqala namahlakani angaphandle kuzalisekiso lwesiCwangciso-qhinga sePhondo. Kuza kuqhutyekeliswa phambili amathuba okukhuthaza ukuhlangana nokuphuhlisa kwezooqoqosho ekuhlaleni okunendlela yokugcina okusingqongileyo. Kuza kuqalwa kuqwalaselwe iinkqubo ezingaphakathi kurhulumente ukuze kuzuze abantu baseNtshona Koloni, njengokulungiselela umsitho weSiseko soYilo seHlabathi (World Design Capital) sika-2014.

Ngokubhekiselele kubudlelwane behlabathi, ubudlelwane namazwe e-BRICS (iBrazil, iRashiya, i-Indiya neTshayina) nayo yonke iAfrika buza kubekwa phambili nanjengoko la mazwe enika uMzantsi Afrika ithubakazi

lokuthumela imveliso yawo kula mazwe. Nangona lithintelwa kukushokoxeka kwemali, kuza kufuneka eyona ndlela isebenzayo kubudlelwane bangaphakathi, ingakumbi elawulwa ngumdlawezozoqoqosho lukaRhulumente weNtshona Koloni, njengemahlakani otyalo-mali kumazwe asahlumayo ehlabathi.

Umsebenzi owawusenziwa ngaphambili phantsi kweCandelo loLawulo lwamaLungelo oLuntu uza kwenziwa ube phambili kumasebe ali-11 oRhulumente weNtshona Koloni (WCG), ngeli lixa ulungelelwaniso lweenkqubo luza kwenzeka kwiSebe leNkulumbuso.

IZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo

IZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo (CSC) libekwe ngobuchule kwiSebe leNkulumbuso ukuqinisekisa impembelelo nenkuthalo ekunikezeleni ngeenkonzo ezimanyanisiweyo ezinqamlezileyo kuwo onke amasebe akuRhulumente weNtshona Koloni. Imisebenzi eyenziwe liZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo (CSC) ibangela amasebenzi akhoyo ukuba aqwalasele kweyona misebenzi yawo ingundoqo ngeli lixa ebek' ithemba kwimisebenzi yolawulo engengundoqo kwi-CSC. Ngaphezulu, imisebenzi ye-CSC isebindini wempumelelo nolungiso lolawulo olumanyanisiweyo kweli Phondo.

Imisebenzi ye-CSC ifumana ukuboniswa kweenkqubo ezintathu kule Voti nokuchazwe ngakumbi, ngokweengcombolo, kumacandelo anezi zihloko: Ukwandiswa kwaBasebenzi, i-Centre for e-Innovation kunye neNgqinisekiso kaRhulumente. Isihloko ngasinye kwezi zikhankanyiweyo apha ngasentla simele isebe kwi-CSC.

Ukwandiswa kwaBasebenzi

Uphuhliso lweSebe naBasebenzi

Indima yabaLawuli abaziNtloko: Uphuhliso lweSebe lulungiselelwe ukuba likwazi ukwenza umsebenzi walo ngokusulungekileyo. Ukuze oku kuphunyelelwe, iinkqubo zoPhuhliso lweSebe kufuneka zithathele ingqalelo abasebenzi elinabo kwakunye nengqibelelo kumsebenzi wabo; akukho cala linokuphumelela ngaphandle kwelinye. Kwimeko embi yangoku yezozoqoqosho, kufanele kuqwalaselwe ngamandla kubuchule ngaphandle kwengxoxo. Indawo yokusebenzela yangoku iphawuleka ngamandla phakathi kweemfuno zeenkonzo kunye nendlela ezihoywa ngayo izinto ngabalawuli ekukhokeleni abantu. Indima yoPhuhliso lweSebe naBasebenzi, nangona kunjalo, kukwenza ezempilo zilingane phakathi kokwenziwa komsebenzi nokuphumelela lo msebenzi kunye nabantu ngendlela egcina iinzame ezenziwa ngabantu kunye nokuzinikezela kwabo kwisebe. Oku kungaphunyelelwa kuphela ngendlela ehlanganisiweyo yoyilo

Iwesebe, ngophuhliso lwenkqubo kunye nengenelelo lwempucuko nendlela yokuziphatha kwesebe nabasebenzi.

URhulumente weNtshona Koloni (WCG) uzibophelele kwinkcubeko nakuphando lwemigqaliselo kabini qho ngonyaka. Uphando olugqithileyo olwenziwe kabini lubonise imigangatho ephezulu yokungafumaneki nokunqongophala kwamandla obuchule ukuze kusetyenzwe. Oku kuthetha ukuba awekho amandla obochule bokusebenza. Okuzokutsho namhlanje uphando olu lubonise ukungaguququki ngokubhekiselele kwimigqaliselo abayibonayo abantu kwinkcubeko yangoku yesebe nangento abanokuthanda ukuyibona kwinkcubeko enqwenelekayo yesebe, ebonelelo ngomhlaba obanzi wokuphucula nokukhuthaza okulungileyo kunye nokunciphisa ukungafumaneki kwamandla ukuze kusetyenzwe. Uphando lwehlabathi lubonisa apho kuphezulu khona ukungafumaneki kobuchule bamandla okusebenza, intsebenziswano nabaqeshi ibaphantsi (*Hewitt Associates and the Barrett Values Centre in 2008*) kwaye ngenxa yoko, ukusebenza kwesebe kudla ngokuba kwizinga eliphantsi. Oku kuko kanye esifuna ukukutshintsha.

Indawo yangoku yokusebenza yoPhuhliso lweSebe naBasebenzi ikwachatshazelwa yinyaniso yokokuba iinkonzo zophuhliso zesebe nabasebenzi ziqhutywa kakhulu yimfuno. Nangona iinkonzo zicwangciswa kunye kwizinto eziphambili emakuqalwe ngazo zesebe, iinguqu kulawulo nakwimeko yonikezeleo lweenkonzo kufuneka zithathelwe ingqalelo. Ngokungaguququkiyo, uPhuhliso lweSebe naBasebenzi ludinga ukulinganisa izicelo ezongezelelweyo xa kuthelekiswa nengenelelo lomxholo wenkqubo yesebe.

Indima ye-PTI entlandlumbini. Kwindawo yokuqala, kukuluthathela kulo lonke uxanduva ukwenzela uyilo, ukubonelela, ukuqinisekisa ngobulunga kunye nokuhlola impembelelo yolawulo olusebenzayo, uqeqesho lohlobo oluthile nolunqamleze ngokusebenzayo kuye wonke uRhulumente weNtshona Koloni (WCG), ngokuhambelana nezidingo ezichongiweyo zokukwazi ukusebenza zabasebenzi kunye nenjongo yeqhinga lokusebenza kunye nezicwangciso zesebe ephondo kunye noRhulumente weNtshona Koloni uphela. Kwindawo yesibini, i-PTI idlala indima yeqhinga lokusebenza elibanzi kulawulo nasekuphatheni uPhuhliso lweZibonelelo zaBasebenzi (HRD) noqeqesho kwiPhondo, ingakumbi ngokulungelelanisa zonke izicwangciso zokuzalisekisa uqeqesho lwe-HRD zesebe, kunikezelwe ngeengcebiso nangezikhokelo, kwaye kuqinisekiswa uthotyelo lomthetho nomgaqo-nkqubo kazwelonke nowephondo.

Ukuze kufikelelwe kwiimfuno zemfundo noqeqesho lwabo baqeshwe nguRhulumente kwiinzame zokwenza uRhulumente weNtshona Koloni (WCG) oyena rhulumente wenqila ulawulwa ngokuncomekayo kwihlabathi, kukho uindlela yokusebenza enezigaba zokuphuhlisa

nokuzalisekisa imodeli entsha yeziko nenkxaso efuna ukwenza i-PTI inqwelo enokukhethwa ekuphuhliseni ukwandiswa kwabasebenzi bakarhulumente kweli Phondo. ISigaba soku-1 sidale isifundo esivelise isicwangciso sesikhokelo soyilo nozalisekiso ukwenzela imodeli entsha yeziko nenkxaso, ngeli lixa iSigaba sesi-2 sibe sekuqaleni ekuqwalaselweni nasekuvunyweni yiKhabhinethi, yeyona modeli ifanelekileyo yeziko nenkxaso ukwenzela i-PTI kwaye iSigaba esi siza kuqulatha ukuzalisekiswa kwaso.

I-PTI ibonelela ngeenkonzelo kumasebe ephondo ali-13 njengoko engawona baxumi bokuqala, ngeli lixa abaqeshwa abasuka kurhulumente wengingqi kunye namasebe kazwelonke alapha kule ngingqi ngokubhekiselele ekuncedeni ngeendawo nangoqeqesho.

Kubekho iinguqu kwimfuno yekharithulam ngokusekelwe kuhlalutyo lwezicwangciso zeZakhono zaseMsebenzini, ngako oko i-PTI ilungisele ukujoliswe kuko ziinkalo zokufunda ezingundoqo ezilishumi. Oku kupha oku, izidingo ezikhethekileyo ezichongwe ngamahlakani esebe zihlanganiswe kwimethodoloji ye-e-learning enokufuna ukwandiswa ngakumbi kwemethodoloji.

ICandelo loLawulo lwaBasebenzi

Ukuze kusetyenzwe ngendlela eneziphumo kwimeko yangoku yezozoqosho kweli phondo, kwimeko yezekhaya neyehlabathi, imibutho idinga ukuqalisa into entsha ngokungaguququkiyo kwaye 'inkqenqenze phambili' ngokokwenza eyona misebenzi ingcono namaqhinga okusebenza. Ukuzokuthi ga ngoku, ukuze uRhulumente weNtshona Koloni (WCG) "abe ngoyena rhulumente wenqila ulawulwa ngokuncomekayo kwihlabathi" uLawulo lwaBasebenzi ludinga ukuba lube yeyona nto ixabisekileyo kubalawuli ukuqinisekisa impumelelo. AbaLawuli abaziNtloko: ICandelo loLawulo lwaBasebenzi lisebenzela ukuhlanganisa iQhinga loLawulo lwaBasebenzi kumasebe kaRhulumente weNtshona Koloni (WCG) ukuqinisekisa ukusetyenziswa kwabantu okunefuthe nobuchule ukuze lixabiseke kakhulu ekubeni negalelo kuphuhliso lwePhondo.

Ukuphendula kumngeni ongasentla, ukusebenza koLawulo lwaBasebenzi ngaphakathi kwiZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo (CSC) kwenziwa ngokwemigangatho emithathu:

- *iqhinga lokusebenza*, ngokusebenzisa uphuhliso nohlaziyo izicwangciso nemigaqo-nkqubo yezibonelelo zabasebenzi ukuqinisekisa izithethe nemigangatho efanayo kulo lonke iPhondo
- *iingcebiso*, ngokusebenzisa ubonelelo lwengcebiso nenkxaso kuyo yonke imisebenzi yeCandelo loLawulo lwabaSebenzi ngokubanzi elijongene nobudlelwane babasebenzi, ulawulo lomsebenzi, ukuhlola nokwakhel' umkhanya, ubulungisa bengqesho nokunik' ingxelo
- *intengiselwano*, ngokuqalisa imisebenzi yolawulo ngokubhekiselele kwimivuzo yabasebenzi, imimiselo yokusebenza kunye nenkqubo yokugaya nokukhetha abasebenzi abatsha.

Ukuba ngoyena ungcono kufuna ukutyala ekuxhobiseni abasebenzi abangabaphathi ukuze bakwazi ukuthatha izigqibo ezazisiweyo kwaye bakwazi ukuphendula ngokukhawuleza kwiinguqu ezikhoyo kwiindawo abasebenza kuzo. Okulandela oku, abaLawuli abaziNtloko: beCandelo loLawulo lwabaSebenzi bazinikezele ngokungaguququkiyo ekucokiseni imigaqo-nkqubo yezibonelelo zabasebenzi, ukusebenza kunye neenkqubo. Kungoko ukuzalisekiswa kweetekhnoloji ezintsha ezifana nokugaya abasebenzi abatsha nge-intanethi kunye nesahlulo soPhuhliso lweZakhono zabaSebenzi seNkqubo yoLawulo lweMali ehlanganisiweyo (IFMS/HCM). Zombini ezi nkqubo zibeka iinkqubo zolawulo nezeengcombolo zabantu ezandleni zabaphathi abaphantsi kwabo. Ukwandisa oku ngakumbi kukugququlwa kwenkqubo yokugcina amaxwebhu aphahekayo abe ngamaxwebhu agcinwa kwikhompyutha. Ezi nkqubo ziza kuba negalelo kobona buchule bukhulu nokuvumela umsebenzi woLawulo lwabaSebenzi ukuba ungqanyanise ngokupheleleyo neqhinga lokusebenza leSebe.

I-Centre for e-Innovation

Sele kwenziwe inkqubela-phambili ethe nkqi ngokubhekiselele kwinyathelo lokuqala loKwenza iInkonzo ze-IT zilungele amaxesha angoku, nto leyo engqinwa ngumlinganiselo wokuGqibelela koLawulo lwe-IT, imigangatho ephuculiweyo yokunikezela ngeenkonzo nageengcamango zomsebenzisi eziphuculiweyo yi-Ce-I.

Ukwaziswa kwe-ICT Mini MTEC kwandise ngokubonakalayo amandla obuchule be-Ce-I okukwazi ukugcina nokuphucula imigangatho yayo yokunikezela ngeenkonzo nanjengoko ucwangciso olwenziwa ngamaSebe ngokuhlangeneyo. Ikwavumele nePhondo ukuba ligqibezele kwaye libonelele isiCwangciso soNikezo-zinkonzo se-ICT sePhondo (ngoku esiquka amanyathelo anqamlezayo angundoqo azakuthi afumane ingqwalasela ephambili phambi kwe-MTEF). AmaSebe aye aphawula into yokokuba isiseko somsebenzisi siza kukhula ngabasebenzisi be-ICT abali-1,500 ubuncinane kunye nesayithi ezintsha ezingaphezulu kwama-40 eziza kufuna uqhagamshelo lwe-WAN kunyaka-mali ka-2013-14. Sele kuvunyelwene namaSebe ngamalungiselelo enkxaso-mali ezakuthi iqinisekise ukuba ukwabiwa kwezibonelelo ze-Ce-I ilungiselelwa ngokufanelekileyo ukugcina umgangatho wayo wokunikezela ngenkonzo nangona kukho iinguqu kokusingqongileyo kokunikezelwa kweenkonzo.

Ngexesha loonyaka-mali abathathu abadlulileyo, isiseko sabasebenzisi se-WCG ICT sande ukusukela kwi-14500 ukuya kwi-16500 (ukwanda okuli-14%) kwaye landile nenani leesayithi ezifakelwe uqhagamshelwano ukusukela kuma-300 ukuya ngaphaya kwama-350 (okwanda okungaphaya kwe-16%). Oku akulibandakanyi inani elivisayo lamaZiko ezeMpilo oLuntu azakuthi enziwe asebenze kwixeshana elifutshane elizayo.

Ikwaqatshelwe nento yokokuba i-Ce-I ngoku sele ithathele kuyo iimfuno zenkxaso yeelebhu zeKhanya njengenxalenye yenkqubo yobeko-phambili ngaphakathi kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED).

